

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



Faka le-app yemozulu kwiselfowuni yakho

ULAWULO LWEFAMA ZABALIMI ABALIMA KANCINANE (IISS) LUNEMINGENI EYIYEALO NEMINGCIPHEKO KWIMIZAMO YOKUZIPHILISA. AKUKHATHALISEKI UKUBA UMLIMI UDINGA OKUKHULU OKANYE OKUNCINANE KANGAKANANI UKUZE ASEBENZISE IMITHETHO-SISEKO YOLAWULO EFANELEKILEYO. UNINZI LWEZIGQIBO ZAKHE UMLIMI LUSEKWE KWIINKCUKACHA EZINGAFUMANEKI LULA. NGOKUSEBENZISA ELI NOAKU UFUMANA INKCAZELO NGEQONGA ELIKWISIXHOBO ESISABUKHOMPYUTHA I-AGRICLOUD ELIZA KUNCEDISA ABALIMI ABALIMA KANCINANE NABAFAANELE UKWENZA IZIGQIBO KUSUKU NOSUKU.

NguNico Kroese, uMphathi: uPhando noPhuhliso, Inkonzo yeMozulu yaseMzantsi Afrika. Thumela i-imeyili apha: Nico.Kroese@weathersa.co.za



Uluntu olufamayo ehlabathini jikelele lufanele ukuvelisa ukutya okuthe chatha njengoko kulindeleke ukuba amanani abantu afikelele kwiibhilyoni ezil-9 ngonyaka ka-2040. Bonke abalimi abalima kakhulu nabalima kancinane bafanele ukwandisa imveliso yabo yangoku ukuze bondle la



AMAZWI AVELA KU... kuLiana Stroebel

MALUNGA NONINZI LWABALIMI ABA-KWIINDAWO EZILIMA UMBONA EZIFANA NEMIMANDLA YAKWAZULU-NATAL, IMPUMALANGA NOMNTLA NTSHONA, UNYAKA KA-2019 UBUNGENGONYA-KA OLULA NGENXA YOKUFICA KWEEMVULA EMVA KWEXESHA. EZINYE IZITYALO ZIBUYELE KWISIMO SAZO KAKUHLE KANTI EZINYE AZIKWAZANGA.

Kumaxesha okulima afana nala, kubalulekile ukuba abalimi baqalise ukucinga ngeendlela abanokunciphisa ngazo imingciphiko yabo yexesa elizayo. Abalimi abaninzi babhenela kwimigaqo yokungawuphethuli umhlaba ukuze balondoloze ukufuma komhlaba ngokuthe chatha, kanti abanye bahluka-hlu-kanisa amashishini abo ngezityalo ezizezinye okanye bomeleze amacandelo abo emfuyo. UCharles Darwin wathi, 'Asizontloblo ezizezonza zinamandla ezsindayo, ingezizo nezizezonza zikrelekrele. Luhlobo oluziqhelanisa kangangoko nenguquko.'

Njengoko inkubo yokuvuna seyiphantse ukugqbeka, kubalulekile kubalimi ukuba bahlale ethembeni nakugqalise-lo lwabo locwangciselo lwexesha elitsha lokulima eselifikile. Kubalulekile ukuba niziphengulule ngokutsha iindlela zenu zokusebenza zexesha elidlulileyo lokulima. Ingaba ikhona na into ebeninokuyenza okanye engeniyenze ngokwahlikileyo? Ukuba kwindawo yakho kukho umlimi ofumene isivuno esiphucukileyo (naye efumene imvula efana naleyo uyifumeneyo), yintoni ayenze ngokwahlikileyo? Zibuze le mibuzo, ungazikhohlisi ukuze uguqu-guqule imisebenzi yakho apho kudingeka khona.

Kwinyanga kaJuni, iwalixesa elo lokugqalisela ekunisekiseni ukuba unokuya okwaneleyo kwezilwanyana zakho kwixesha lasebusika. Zama ukuba ungawatyi kakhu-lu amadlelo akho njengoko oku kunokubangela umonakalo osisigxina onokuphazamisa ukuhlaziyeke. Ngaphaya koko, izilo-maqabane zakho nazo zidingga ukuya, amanzi nekhusi engqeleni. Zihoye nazo ukuze zikukhonze.

Ndikunqwenelela yonke impumelelo kumalungiselelo enu exesha elizayo lokulima. Sebenza nzima, beka iliso lakho kundoqo ukuze uthwale iziqhamo zomsebenzi wakho. ■

Faka le-app yemozulu...



1 Thoba i-app yeAgriCloud namhlanje.

Indlela yokubhalisela i-app yesmart phone

- Yiya kuGoogle Play Store
- Khangelia **iAgriCloud**
- Thoba i-app yeAgriCloud
- Landela imiyalelo

lingqokelelo-manani ezizezakho (ukugcinwa kweenkcukacha ndawonye)

Kunceda ngokuphucula iinkucuka-chamacebisongokunika ingxelo ngeengqwalaselo zemozulu kwifama yakho.

Indlela yokubhalisela inkonzo yeAgriCloud USSD

- Dayela *134*8383#
- Cinezela iqhosha lokufowuna
- Linda impendulo
- Landela imiyalelo

linzuso ngokunika iingxelo ngeengqwalaselo

- lingqwalaselo ngemozulu ezi-the chatha zibonisa iinkucuka-chamacebisongokunika neengqokelelo-manani eziphuculwego.
- lingqokelelo-manani eziphuculwego zithetha ulawulo lwe-fama oluphuculwego.
- Ulawulo lwe-fama oluphuculwego luthetha izivuno ezithe chatha neendleko ezithotyiweyo zeendaleko zamalungiselelo.

2 linzuso ngeAgriCloud.

1. I-app yeAgriCloud ihlanganisela ezona nkukacha zintsha ngemozulu ukwenzela amacebiso omlimi.
2. Amacebiso angqala kwindawo ethile (kwifama ethile).
3. Amacebiso ahlaiziywa yonke imihla.
4. Amacebiso afumaneka ngazo zonke iilwimi ezilishumi elinanye zaseburhulumenteni baseMzantsi Afrika.
5. linkcukacha ezinikelwa ngokusebenzisa iAgriCloud nazi:
 - Ziinkcukacha ezichanekileyo.
 - Ngexesha elichanekileyo.
 - Kwindawo echanekileyo.
 - Ngenjongo echanekileyo.
6. I-app yeAgriCloud ekwiselfowuni ifumaneka simahla.



Ngokusebenzisa i-app yeAgriCloud abalimi bangandisa izivuno zabo nengeniso.

manani abantu asel' befudukela ngakumbi ezidolophini ngoku. Imlingeni nemingcipheko abajongene nayo malunga nokuguqu-guquka kweeme-ko zemozulu ezifana neembalela nezikhukula, iimeko ezingafunekiyo zentengiso azinagalelo kuzinzo lwefama nokuziphilisa ngokufama.

Unqongophalo lwamanzi, ufilelelo emhlaben (eMzantsi Afrika) nofikelelo kulwazi zezinye zeengxaki eziphambili ekuqutyiswene nazo. Bonke abalimi eMzantsi Afrika, abakhulu okanye abancinane, badinga ulwazi olunokuthenja lxesha elidlulileyo, olwangoku nolwexesha eli-zayo olucingelekayo lweenkcukacha zemozulu ukuze kwandiswe ukuli-nya kwezityalo ngokunjalo kufakwe nengeniso ukwenzela iintsapho zabo.

Linkcukacha eziciniweyo ezinxulumenemozulu zifumaneka ukususa kwiingqwalaselo ezingenabugoci-goci, kwizikhululo zemozulu ezisebenza ngokuzenzeleka, izihobo ezibonisa imozulu kwangapham-bili, nakwiziphumo ezifanekisa uqikelelo lwemozulu. Nangona kunjalo, le mithombo yeenkcukacha ikholisa ukungafikeleleki okanye ingaqo-nawa ngabenzi-zindima bezolimo nangakumbi kubalimi ngabanye. Isiphumo soko kukuba, ngonyaka ngamnye, kubalimi abazigidi, ukulinwa kwezityalo kunyinwa ngendlela engeyomfuneko ngenxa yonqongophalo lweenkcukacha zemozulu ezibalulekileyo nokunqaba kweengcebiso kwezolimo.

IMVULA MALUNGA NEPROJEKTHI YASEAFRIKA

Ukuze kuhlangatyezw lo mba, abahlulelane baseMzantsi Afrika (iBhunga IoPhando lezoLimo: Umhlabi iiMeko zeMozulu naManzi (SCW) kune neNkonzo yeMozulu yaseMzantsi Afrika (SAWS) base-benzisene nabahlulelane bamaDatshi kwiprojekthi ebizwa ngokuthi "Imvula yaseAfrika" (R4A). IPprojekthi yeR4A inogqaliselo olomeleleyo lwezolimo kanti injongo kukuphembelela icandelo lezolimo ngokunka iinkonzo kwabalandelayo:

- **Abalimi:** Abalima kancinane (SSF), abalimi abarhwebayo kune nemibutho yabalimi.
- **Ababoneleli beenkonzo zolimo:** Ushishino kwezolimo, amasebe amaphondo ezolimo, iimbumba zentsebenziswano, iiNGO, njalo njalo.
- **Abaphuhlisi bezobuChule kwezoLimo:** Abaphuhlisi abasebenzisa i-IT.

I-AGRICLOUD APP

Ukusungulwa kobuchwepheshe obutsha yenye yeendlela umlimi anokwanda ngayo izivuno nengeniso kodwa okwenzeka kaninzi kukuba

ezi nkonzon zikhatshe lixabiso elihlawulwayo. Inyathelo elilandelayo kugukuqulela iinkcukacha zemozulu kwiingcebiso ezisekwe kwezolimo ngemozulu. I-AgriCloud yinkubo yeengcebiso ezisekwe kwezolimo ngemozulu eqhutywa ekhompyutheni etyebisa iinkcukacha ezicinwe ngemozulu nangeemeko zemozulu ngeenkukacha zezolimo nango-lwazi lwalapha ngokunjalo iyila iingqikelelo nezilumkiso zexesha lenene ezingqaliswe kubuqu bomntu.

Isiza seAgriCloud siyinkonzo yorhwebo encedisa amashishini ezolimo, iimbumba zentsebenziswano nabalimi ukuba benze iziqqibo zolawulo lweefama ezixhotiyiswe ngolwazi ukuze:

- Kuphuculwe kangangoko iimveliso zamalungiselelo.
- Kuncitshiswe imingcipheko enxulumene nemozulu kune neeme-ko zemozulu.
- Kuphuculwe ukueliswa kokuya ngendlela enozinzo.

Zidibanise neARC, iSAWS okanye iwebhusayithi yeR4A ngeenkukacha ezithe vetshe malunga neenkonzo ezingasentla.

I-AgriCloud app ijoliswe ngqo kubalimi abalima kancinane (iSSF) linkonzo ezilandelayo ezintathu zizibonelelo zezityalo ezixhomekeke emvulen:

- Amacebiso ngokutyalala.
- Ukutshiza ngeekhemikhali eztshabalalisa ukhula ngokwamacebiso.
- Ukutshiza ngeekhemikhali zezidalwa eztshabalalisa izityalo ngo-kwamacebiso.

Malunga nabalimi abalima kancinane inkonzo inikwa **simahla** kanti inokuthotywa ngokusebenzisa inkubo yesmartphone efumaneka kwiGoogle Play Store kwiifowuni zeAndroid okanye ngenkonzo yomyalezo obhalwe ngokuquphu (USSD/SMS). Le app ibavanywe phakathi kweeSSF ezikhethiweyo eziliqela kune neengcali zesolulo kumaphondo amaninzi. Okubalulwe ngabasebenzisi ngebakala lovavanyo kunokushwankathelwa njengokunika ithemba elikhulu.

ISIPHETHO

Zinzi kakhulu iziqqibo zolawulo ezifanele ukwensiwa ngumlimi ukuze ahlangabeze imibandela yemingcipheko asesichengeni sayo. Imlingeni yola-wulo nangona kukho iindlela zoncedo nezixhobo, oko akunakungena endaweni yezakhono zobuchule bolawulo ezifumaneka kulwazi, amava, isindululo, ukwahlukanisa okulungileyo kokungalunganga noblumko. I-app yeAgriCloud sisihobo esinokuncedisa abalimi ukuba benze iziqqibo eziphucukileyo. Ngolwazi oluthe vetshe, tyelela apha, www.rain4africa.org. ■

I-APP YE-AGRICLOUD

I-AgriCloud yi-app efumaneka simahla kwiifowuni zeAndroid, lyathobeka kwiGoogle Play Store. Inika isikhokelo kubalimi ngokukhethwa kwemihla yokutyalala umbona oxhomekeke emvulen kwindawo ethile yefama yabo. Ezi nkukacha zisekwe kwimvula efumeke kwiintsku ezilishumi ezidlulileyo nakuqikelelo lweentsku ezilandelayo ezilishumi.

Ikwani kaicebiso ngeemeko zemozulu ezifanele iikhemikhali zokutshizwa kakhula nezeztshabalalisi zezityalo kwiintsku ezintathu ezilandelayo. Lingcali zesolulo, iiNGO nabanye abasebenza nabalimi banakho ukuthoba le-app baze babhalise abalimi abaligela ukuze babancedise ngokufumana iinkcukacha. Linkcukacha ezifana nezo ziphinda zifumaneka kubasebenzisi beefowuni ezingenabugocigi ngokusebenzisa inkonzo yeUSSD (*134*8383#).

Ndingalindela ntoni kummeli wam okwisiGqeba soLawulo?

KWINKOMFA YAKUTSHANJE YEGRAIN SA EBISE-KUQALENI KUMATSHI, KUNYULWE KWAZE KWANYULWA NGOKUTSHA IQELA LABAMELI BALIMI ABAFANELE UKUKHONZA KWISIGQEBA SOLAWULO SEGRAIN SA. NANGU UMBUZO OVELAYO, BASEBENZA NTONI ABA BANTU FUTHI SINOKWE-NZA NTONI THINA MALUNGU AKUMNDILILI OHLAWULEYO EGRAIN SA, SILINDELE NI KUBO?

I-GRAIN SA NGUMBUTHO WEMVELISO YORHWEBO YEENKOZO

Kubalulekile ukuqonda ukuba iGrain SA ngumbutho osekwe ngabalimi ukuze bahlangabeanie nemidla yabalimi. Abalimi bafanele ukunika ingqalelo epheleleyo kwinkqubo yabo yemisebenzi yokufama kanti, zinini iziganeko ezahluka-hlukileyo kwicandelo elibanzi ezidinga ingqalelo yeengcaphephe. Iqela elikhokelwa yiCEO, uMnu Jannie de Villiers, liyilelwae ukuqwalasela ubume obungqongwe zezopolitiko, ezoqoqosho nezelizwe kweli lalapha nasehlabathini ngokunjalo lihlalutya nendlela iimeko ezipuhhlileyo ziphembelela ngayo icandelo lezolimo ngakumbi ukulinywa kweenkozo.

lingcaphephe eziqeshwe yiGrain SA, zikuthungelwano olubanzi kwaye ziqwelasela ngokunjalo zihlalutya iimeko ezipuhhlileyo kwicandelo zandule ukuthumela iinkcukacha kwiikomilieezahluka-hlukileyo. Abameli babalimi baqwalasela iimeko ezipuhhlileyo baze basebenze ngokweyona midla isentloko yabalimi ngokunjalo banike abalimi izikhokelo zolawulo ngokwendlela abafanele ukuphendula nokuphawula ngayo malunga nezo meko zizipuhhlileyo. Umzekelo, ngoko bekuvakaliswa iindaba zombungu ohlaselayo uMkhosi oGeqayo, iqela lethu lophando libe nendima ebalulekileyo ekulandeleni indlela yotshabalaliso olubangelwa ngumbungu. Likhawuleze kwangoko lafumanisa laze lazisa abalimi ngeyona migaoqo ibalaseleyo yolawulo lweztshabalalisi zokutya emasimini ethu.

IMIBA YOGQALISELO

Iqela lahluka-hlukaniswe ngokwemiba emininzi yogqaliselo eyahluka-hlukileyo. Nantsi eminye imizekelo:

- Icandelo IoPhando noPhuhliso liqwalasela iindlela zokuphculwa kwezityalo ezifana nophuhliso lwemihlanganisela, ukhuselo Iwezityalo, umzekelo, ukuqwalasela izidalwa ezitshabalalisa izityalo nezifo. Liphinda ligqalisele kwezoLimo ngoLondolozo, mqaqo lowo uphucula impilo yomhlaba, ukuncitishwa kokuphethulwa komhlaba liphinde liqwalasele iimpembelelo zobume obusingqongileyo obufana namanzi. Ngaphaya koko, liqwalasela umgaqo-nkqubo nowiso-mthetho ukuze iMithetho eWisiweyo, iMithetho eVavanywayo kunye neMigaqo-nkqubo echaphazela abalimi beenkozo kuyaxoxwa ngayo ngelixia iwiswayo.
- Icandelo IezoQoqosho IezoLimo liqwalasela izixhobo ezahluka-hluke ngokubanzi eziqetenyenisa kwicandelo ezichaphazela uqoqosho Iweenkozo, ukususela kwiinguqu-nguquko malunga nemveliso yorhwebo ukuya kumaxabiso eemveliso zeemveliso zamalungiselelo, iirhafu zokuthenga impahla kwamanye amazwe, uthetha-thethwano ngeembuyiselo zedizili, iingxelo ngemveliso neengqikelelo zezityalo, inguquko kwiimeko zemozulu kunye nemigaqo-nkqubo ngokunjalo nophuhliso njalo njalo.
- Uphuhliso IwabaLimi lunoxanduva abalunikwe yiNkomfa loku-faka igalelo kwinkqubo yokubuyiselwa komhlaba ngokunedisa



Jenny Mathews, umbhalikiwiPula Imvula. Thumela
i-imeyili apha jenjonmat@gmail.com

ngozinzo Iwamashishini okufama nokwandiswa kobukho bokutya okwaneleyo emakhaya.

- Ukugayela abanye amathuba kwezolimo nakwicandelo lezopolitiko luxanduva Iweengcaphephe neenkokeli zombutho.
- Icandelo leeNtengiso neloNxibelelwano anoxanduva lokwakha ubudle-Iwane nabalimi kunye nabanye abahlulelana ngomda kwicandelo.

Olu ludwe aluphelelanga kodwa sisalathiso nje esincinane sendima ebanzi yemisetenzana nemisebenzi enikwa iqela elilawulayo leGrain SA.

ABALIMI BAZILUNGISELELA NJANI?

- Amalungu abalimi atyumba abathunywa abavela kwiinginqi ezahluka-hlukileyo abaza kuwamela.
- Abalimi abangabathunywa baya kwiNkomfa yabalimi yoNyaka yaseGrain SA.
- Abathunywa beNkomfa banya iliGqeba soLawulo, esibizwa ngaphakathi ngokuthi 'Hoofbestuur'.
- INkomfa ngokunjalo ivotela ukunyulwa kukaSihlalo nooSekela-sihlalo ababini Qaphela: iNkomfa yango-2019 ikhethe uJaco Minnaar njengo-Sihlalo noDerek Mathews kunye noRamodisa Monaisa njengoSekela-Sihlalo.
- IliGqeba soLawulo ke ngoko sinyula iKomiti yesiGqeba soLawulo – oku kuquka uSihlalo, ooSekela-sihlalo ababini kunye namanye amalungu amane obona buncinane.
- I Komiti yesiGqeba soLawulo, ekubhekiselelwa kuyo ngaphakathi ngokuthi 'Dagbestuur' ibandakanyeka kulawulo noqwalaseloo loshishino losuku nosuku, iziggibo ngemali nangotyalo-mali ngokunjalo nango-mgangatho wokusebenza wabasebenzi, phakathi kweminye imisebenzi.
- IliGqeba soLawulo siphinda sithume amalungu ukuba abe kumaQela okuSebenza obungcali obahluka-hlukileyo (WG), ahlanganiselwa ngokwamaqela abalimi abakwisiGqeba soLawulo namalungu olawulo. Ugqalisele Iwabo lukwimiba ethile yomda, umzekelo, imveliso yorhwebo nganye ineQela lokuSebenza lobuNgcali eligqalisela kwimibandela efumaneka kuloo mveliso yorhwebo kuphela kuquka ubume obungqonge intengiso, ukugungqa-gungqa kwamaxabiso, iimfuneko zowiso-mthetho nezophando ezingqaliswa kwisityalo ngasinye. IQela eliHlela iiNdaba leWG ligqalisa kwisiquulatho semagazini yeSA Grain ukuze iWG yoPhuhliso IwabaLimi igqalisele emsebenzini owenziwa ngabalawuli boPhuhliso IwabaLimi, njalo njalo.

UKUMELWA NGABANYE

Kungani kubalulekile ukuthumela abalimi abaziinkokeli eziqequzelayo, ezizibandakanayo nezicikozayo ukuba zibe ngabathunywa abanimela kwiNkomfa?

Ngokomgaqo-siseko wombutho, iNkomfa yabathunywa, oko kuku-thi, abameli babalimi abaya kumathuba eNkomfa yeGrain SA ngoyena

gunyaziwe ophezulu wombutho. Xa iNkomfa isenza isi-qiblo, ima apho! Oko kuthetha ukuba siba ngumgaqonkqubo osisiseko wombutho ukuze ube ngumyalelo kwiqela lolawulo. Yiloo nto wena ufanele ukukucacisa oko ukufunayo.

Njengeqela labalimi, nifanele ukuthetha ngazwinye xa NIXELELA ABATHUNYWA BENU ngento enifuna ukuba bayithethe. Bangumjelo wenu wonxibelevano enidlu-lisela ngawo imibandela yengingqi yenu, iinkxalabo, imingeni nezimvo kumaqonga eengxoxo eNkomfa.

- Abathunywa bafanele ukuya kwiNkomfa ukuya KUMELA ingingqi yenu kwaye bafanele ukuba ngabantu abazimisele ukuthetha poqo egameni lenu. Ngaphaya koko, bafanele ukuzimisela ukuvotela ummeli omnye wengingqi oza kungena kwisiGqeba soLawulo abe ngumntu ozimiseleyo ukunika inkonzo yethuba lokukhonza eliyiminyaka emibini obona buncinane.
- Umthunywa wenu okwisiGqeba soLawulo udinga ukuzimisela UKUNXIBELELANA – KUMACALA OMABINI!
- Amalungu esiGqeba soLawulo afanele ukuvakalisa imiyalezo yabalimi babo kwisiGqeba soLawulo emva koko afanele ukubuyela kwiinginqi zabo neengxoxo kunye nezigqibo okanye banike ingxelo ngeendaba zamacandelo nezophuhliso kubalimi babo ababameleyo. Kufuneka NILINDELE INGXELO enikwa rhoqo. Ngokunjalo kufuneka niqiniseke ukuba ilungu lesiGqeba soLawulo lisoloko liyqonda imibandela yenu futhi liyivakalise egameni lenu.
- Ukuba NIQINISEKILE ukuba uMmeli wesiGqeba soLawulo wenu umele nina ngenene, niya kuqiniseka ke ngoko ukuba iinkxalabo zenu kuya kuxoxwa ngazo okanye ziya kushukuxwa kwelo nqanaba. Kananjalo, asizizo zonke iingxoxo ezifikelela kwisiphumo esinqwenelekayo kuba ziba ninzi izimvo ezifanele ukupolaselwa kwelo nqanaba, kodwa, ukuba umthunywa wenu AKAYIVAKALISI IMIBANDEL A YENU, umbutho ungayazi njani?
- Ukuba lilungu lesiGqeba soLawulo saseGrain SA, ngokquinisekileyo kuthetha ukunikwa imbeko, kodwa kukwala-xanduva. Amalungu awahlawulwa mvuzo (ngaphandle kweendleko zohambo nemalana yosuku). Esi sisikhundla SOKUVOLONTIYA apho umlimi AKHONZA khona uluntu lwakhe olufamayo ngokunjalo aziphathe NGOKWE-NTSHATSHELI egameni lamanye amafama.

ISIPHETHO

Ekugqibeleni, kuxhomekeke kumlimi ngamnye ukuzigcina esemoyeni wokufumana ulwazi, aqhagamshelane nabamel niqinisekileyo kuthetha ukunikwa imbeko, kodwa kukwala-xanduva. Amalungu awahlawulwa mvuzo (ngaphandle kweendleko zohambo nemalana yosuku). Esi sisikhundla SOKUVOLONTIYA apho umlimi AKHONZA khona uluntu lwakhe olufamayo ngokunjalo aziphathe NGOKWE-NTSHATSHELI egameni lamanye amafama.



I Nkomfa yango-2019 ibibanjwe ngomhla wesi-6 ukuya kowe-7 kuMatshi ngo-2019 eNAMPO Park.

Ifuthe lokutshabalalisa ukhula kucwangciseloiwakho lonyaka ozayo

UKUTSHABALALISA UKHULA KUSENTLOKO KAKHULU MALUNGA NEMVELISO YEZITYALO NEYAMADELO. UKHULA LUNOKUBANGELA IILAHLEKO EZINOBUZAZA ZEZIVUNO ZEESIRIYELI, IZITYALO ZEOYILE NAMADLELO KUNYAKA NONYAKA XA LUNGATSHATYALALISWA NGENDLELA EFANELEKILEYO. NJENGOMLIMI UFANELE UKUSAZI ISIMO SOKHULA SENDAWO NGANYE EKWIFAMA YAKHO. ULWAZI NGAMANDLA.

Ukutshatyalalisa kokhula ngendlela efanelekileyo kuxhomekeke kwimibandela eyahluka-hlukileyo. Kubalulekile ukulandela imiyalelo ekwileyibhile yesitshabalalisi sokhula ngasinye onqwenela ukusisebenzisa. Imithamo esisicqingatha nephinda-phindwe kabini endaweni yomthamo omiselweyo ingakukhawulezisa ukuqalisa kokumelana kokhula neekhemikhali ezilutshabalalisayo kwifama yakho. Ukuba oku kuyenzeka, kunokubangela ukuba umlimi athathe amanyathelo anzulu ukuze lutshatyalaliswe lonke ukhula olumelana neekhemikhali emasimini akho.

UKUFAKWA KWEKHEMIKHALLI ZOKHULA

Ukfaka ikhemikhali yokhula entsimini yakho nako kufuna umthamo ochanekileyo wamanzi. Ukuba ufaka ikhemikhali yokutshabalalisa ukhula ngamanzi amancinane kakhulu, akusayi kufumana siphumo saneleyo sekhemikhali yokhula olukhathazayo onqwenela ukulutshabalalisa. Ukuba umthamo wamanzi uphezulu kakhulu ikhemikhali yokhula inokudlula ingasebenzanga elukhuleni ukuze lungatshabalal kakuhe. Udidi lwamanzi nalo lungawachaphazela amandla ekhemikhali yokhula efakiwego. Xa utshiza ngemixube, qinisekisa ukuba iimveliso onqwenela ukuzifaka ziyahlangabezana, kungenjalo ingabangela umonakalo onobuzaza kwisityalo sakho okanye kwidlelo. Kwakhona qinisekisa ukuba xa ufaka iikhemikhali zasemva kokuhluma oko kwensiwa kwibanga elichanekileyo lokukhula kwesityalo.

Umlimi makaqaphele ukuba ithuba lokucoleka kweemveliso liyahlu kwaye la mathuba okucoleka anokuba mafutshane okanye abe made kuxhomekeka kwimozu nakubomi bokuphila kwendalo emhlabeni. Ezinye iikhemikhali zokhula nazo zisenokuba nesiphumo esibangela umonakalo kubomi bomhlaba, zicinezele izixa zezidalwanana ezssemhlabeni. Kungani kubalulekile ukwazi ubude bala mathuba ocbole? Ukuba ulima isityalo esiyvelayo ikhemikhali ethile oyisebenzise kulo nyaka, oko kungabangela iingxaki ezixhalabisayo ezikhathswa kukuntshula nokuyondelelana ekugqibeleni kwikampu ethile. Ukuba ulahlekelwa ngamanani aphezulu ezityalo apha isiza sezityalo sinonqongophalo khona, oko kuvula umnyango wokhutshiswano nokhula.

Nokuba ulandela imithetho malunga nokutyalisa isityalo emva kokusebenzisa ikhemikhali yokhula, iimeko zemozulu zisenokubangela iziphumo ezithile kwixesha elizayo. Oku kungenzeka lula kakhulu ukuba iikhemikhali zokhula bezifakte ngonyaka obunembalela embi ngokugqithisileyo zaze iintsalea zeekhemikhali zokhula azacoleka zonke. Le meko yenzeke kumaxa ambalwa kwiminyaka edlulileyo emibini okanye emithathu kwiNtshona Koloni. Kubaluleke kakhulu ke ngoko ukufunda ileyibhile ukuze ubude bala mathuba okubambelela kuba ezinye iikhemikhali zokhula azidangi ithuba elithile lexeshakuphela, kodwa zidinga nesixa esithile sokufuma ukuze zicoleke kakuhle.

UKUJIKELEZISWA KWEZITYALO

Ukuthintela ukumelana kokhula neekhemikhali zokhula, kubalulekile ukujikeleza izityalo neendlela zokusebenza kweekhemikhali zokhula (ngoko

UGq Johann Strauss, iNgcali yeeNzuluwazi ekwisiKhundla esiPhezulu, iSebe lezoLimo laseNtshona Koloni. Thumela i-imeyili apha johannst@elsenburg.com



ke ukususela kumaqela ahluka-hlukileyo). Okufanelekileyo kukujikelezisa izityalo zamagqabi amakhulu nezityalo zeesiriyeli okanye zengca ukuze kube lula ukutshabalalisa iintlobo ezithile zeekhemikhali zokhula. Injongo kukulawula ukhula oluyingca lwakho kwisityalo samaggabi amakhulu ukuze uxinzelelo lokhula oluyingca lube kwizinga eliphantsi okanye lungabikho kwisityalo sesiriyeli esilandelayo nangenyedidlela malunga nokhula lwamaggabi amakhulu kwisityalo sesiriyeli.



Tshabalalisa ukhula lungekamiliseli mbewu.

Ukuba uzifumana ukwimeko apha ukutshatyalalisa kokhula bekungancomeki ngendlela obuthembe ukuba kuza kuba njalo ngayo, kusenokuba yimfuneko ukulicinga ngokutsha uwangciseloiwakho kwixesha elizayo lokulima. Masithi utyale ingqolowa ngo-2018 waze watsala nzima ukutshabalalisa ukhula lwamaggabi abanzi ngeli xesha lokulima, ngokwenza njalo kufakelwa iqela elikhulu lembewu yokhula kwisisele sembewu, kanti uwangciseloiwakho belukukutyala isityalo samaggabi amakhulu ngo-2019 kusenokuba luncedo ukuguqula izicwangciso zakho.

Onokukwenza kukutyala esinye isityalo sesiriyeli ukuze ufumane elinye ixesa lokulima lokukhupa izityalo zamaggabi amakhulu. Akuthethwa ukuba kulungile oko, kodwa ethubenii kuluncedo ngakumbi ekunciphiseni isisele sembewu. Unakho ke ngoko ukwenza



Ukhula ludinga ukutshatalaliswa kwibanga lasekuqaleni.



Successful people do what unsuccessful people are not willing to do. Don't wish it were easier; wish you were better.

~ JIM ROHN



UKUQWEBA UBUTYEBI, imali sisidingo

NGOKUQINISEKILEYO UZA KUZIBUZA UMBUZO OTHI 'KUNGANI KUKHO INQAKU NGOBU TYEBI?' BUYINTONI KULAWULO LWEZOLIMO? NGUMBUZO OVAKALAYO LOWO, KODWA OCHASENE NAWO UTHI. UFAMELA NTONI?

Ubutyebi, ngokwesichazi-magama, buchazwa njengendyebo yezinto anazo umntu exizabisekileyo okanye ezinqwenelekayo okanye sisimo sobunhanha. Ukuba sisityebi okanye isinhanha kukuba nemali eninzi, imithombo yobutyebi nempahla enexabiso eliphezulu. Umntu osisityebi okanye osi-sinhanha unomhlaba omninzi kunye/okanye ezinye izinto njengezakhiwo, amashishini, obeke imali eninzi kulondolozo, kwiintlobo zotyalo-mali njalo njalo. Isalathiso esiqheleke kuzo zonke ezi zinto kukuba ixabiso lazo libalulwa ngokwexabiso le-R okanye ngokwexabiso lemali langoko.

Masibuyele kumbuzo wethu ebesiqale ngawo othi ufamela ntoni? Ngokuqinisekileyo, ufuna imali. Imali uyifumana kuphela xa usebenzela omnye umntu aze akunike umvuzo okanye xa uzisebenzela ngokwakho uze uzhawule. Okutsala umdla kukuba, inkoliso yabantu abazizityebi namhla ngoosomashishini. Ngamanyi amazwi, baneshishini/amashishini abo. Oku ke, kusibuyisela kwinkcazo esisiseko yethu, ukuze ufumane imali kwishishini lakho ufanele ukufumana inzudo ukuze kulondolozeke imali yokuthenga impahla yexabiso eliphezulu okanye izinto ozifunayo. Ukuba oku asiyonyaniso akunakuze ube ngumntu osisityebi. Nangona kunjalo, sonke siyazi ukuba ukufumana inzudo emsebenzini wokufama akululanga kangako ngenxa yayo yonke imingcipheko ebandakanekayo.

Kwiqela lamanqaku ethu exesa elidlulileyo, sixoxe ngeendlela nangamacebo anokukuncedisa ekufumaneni inzudo. Yahluka-hlukanisa, phucula udidi lwemveliso yakho, phucula ummandla wabanokuthengiselwa, velisa okutsha, leyo yeminye yemiba embalwa ekuxoxwe ngayo. Ubukhulu becalo, oku bekuquka ubuchule bobugcisa, ngoko ke, makhe siqwalsele amanye amacebiso ajoliswe emntwini ngokwakhe ukuze uncedeko kwimizamo yakho yokufumana inzudo ngenjongo yokuba ekuggibeleni uqwebe ubutyebi.

THOBELA IMITHETHO KANGANGOKO UNAKHO

Thobelaa imithetho ewisiweyo, imithetho memimiselo yelizwe lethu. Ukwenza njalo kuya kukhokelela kwiinkathazo neenxalabo eizimalbalwa. Kukhulula amandla afuneka emsebenzini nexesha lokugqalisela kwimiba yokwenza imali yeshishini lakho. Ingaba itrekta yakho inemvume efanelekileyo okanye uayzikathaza ngayo? Xa ungayithobelaa imithetho oko kungabangela iindleko ezingeyomfuneko ekuggibeleni.

Khumbula, akufami wedwa. Into oyenzayo okanye ongayenziyo kwifama yakho inokuchaphazela ishishini lakho liphelele. Ugqabhuco lwakutshanje lwasifo seenyawo-nomlomo kwathi kanti lubangelwe ngumntu owahlanganisela imfuyo enosusaleko ngokungakhathali. Ugqabhuco lwe-listerioses kunya ophelileyo lwasuka kumzi-mveliso owawungacoekanga ngokwemiqathango lwakhokelela kumonakalo omkhulu kwishishini leehagu liphelele. Ugqabhuco lwasifo sokuhekaka-sentlambo ngo-2010 naso asilibaleki. ligusha zazinganikwanga sitfu ngendlela eyayifanelekile, oko kwakhokelela kwiziphumo ezingafunekiyo kwishishini leegusha.

Ukuthobela imithetho kukuba nenkathalo. Kudinga ukuziqeqe-sha kwaye kunokukulondolozela imali.

YIBA NENDIMA

Yiba nendima ngokwenza ucwangciseloo kwangaphambili ngokunjalo uzingele kwaphambi kwexesha iingxaki zingekenzeki. Asisoloko sinendima ngendlela ebesinokwenza ngayo. Njengesiphumo soko, asisebenzi

**Marius Greyling, Umbhalu kwiPula Invula. Thumela i-imeyili
apha marius@mccacc.co.za**



ngokuncomeka kakhulu, kanti 'ixesha yimali', Yenza isicwangciso semi-gaqo onokuphephela kuyo xa zingasebenzi iinkqubo zakho zesiqhelo, njengonxibelevano okanye ukuqhawulwa kombane. Gcina iibhetri nee-modem ezinokuba lunchedo ekugcineni iinkqubo zisebenza.

LISEBENZISE NGOBUCHULE IXESA ELINGENANGXAKEKO

Kusoloko kukho amathuba angenangxakeko efama. Sebenzisa la maxessa ekulondolozeni ngothintelo lokonakala koomatshini bakho nezixhobo zokusebenza. Oku kunedaa ngokuthintela oomatshini nezixhobo zokusebenza ekwaphukeni okungeyomfuneko ngamaxhesha engxakeko. Nonke niyazi ukuba kukhathaza kanganan ikwaphuka kwesixhobo sokutyalu ngexesha lokutyalu. Kumaxesha amaninzi, ukwaphuka okunjalo ngekuthintelwe ngolondolozo olwensiwe ngexesha. Ulondolozo ngothintelo kuphinda kolule ubomi bezhixhobo ngokunjalo kulondoloze imali kwithuba elide.

HLALA USEMPILWENI ENTLE

Ngokuphumla, ngokulolonga umzimba rhoqo nangokutya ngendlela enempilo uhlala usempilweni. Ukuba sempilweni kukuncedisa ngokucinga cacileyo, uba namandla amakhulu, isantya futhi usebenze ngokuncomekayo.

YILA IZINTSO EZINTSHA UQIQE NGOKUQAPHELA

Ukwenza umzamo wokuyila izinto ezintsha kunomvuzo kanti uku-swela ingqiqo kuyalithoba ishishini. Qinisekisa ukuba uyzaisebenza izisombululo zeengxaki onakho ukuzenza. Musa ukoyika ukuzidibanisa nabasebenzi bakho malunga nezisombululo ezinakho ukwenzeka.

YAKHA UBUDLELWANE OBUNIKA ITHEMBA

Kulungile ukwakha ubudlelwane obunika ithemba naye wonke umntu obandakanyeka kwishishini lakho – usapho lwakho, abasebenzi, abathengisi, abaxumi nabacebisi. Ubudlelwane obunika ithemba buya kunciphisa inkxalabo kuphucule nendima. Yiba ngumntu omamela kakuhle uzinike ixesa lokuphulaphula abanye abantu.

Ngokwakha ubudlelwane obunika ithemba uzakhela igama elo-meleyo elaziwa ngengqiqo nenkathalo. Oku kuya kuba nefuthe elingqalileyo kwixabiso leshishini lakho. Abantu bayo kukuholonela bakubone uthembekile futhi kubo lula kubo ukuqhuba ishishini nawe nokukunika inkonzo efanelekileyo.

YIBA NOMQOLO OWOMELELEYO

Okokugqibela, ukuba nomqolo owomeleleyo kubaluleke kakhulu ekukuncediseni ngokuqhubela phambili imizamo yakho yeshishini nokuba ungaze unikezele. Ishishini alizange laba lula, kodwa ukuzama kufanelekile. Yinto esoloko ifuneka ukufaka ingeniso ufumane ubomi obufunayo.

UMTHOMBO

linkcukacha ezisetyenziswe kweli nqaku zithathwe kwinqaku elithi 'Simple ways to create wealth' libhalwe nguPeter O'Halloran – Farmer's Weekly 7 Disemba 2018 ■

Inkangeleko ethembisayo ngentengiso yengqolowa yalapha

ELI NQAKU LIQWALASELA NGOKUFUTSHANE IIINTERNSHANE ZENGQOLOWA ZEHLABATHI KUNYE NEFUTHE ELINOKUBAKHO KWIXESHA ELITSHA LOKULIMA KWINTENGISO YALAPHA.

UMBONO NGOKWEHLABATHI

Intengiso zengqolowa zehlabathi zincitshiswe, ubukhulu becalo kwiingqikelelo ezinganeno zemveliso malunga neKazakhstan nelraq, oko kumisela iingqikelelo eziphezulu malunga neArgentina neAustralia (**Itheyibhile 1**). Intengiso emazweni angaphandle malunga neMelika neMexico zinciphile kunyaka weentengiso wango-2018/2019, ngelixa iintengiso emazweni angaphandle zandile malunga neEU kune neBrazil. Kutshanje i-EU iphucule ukhutshiswano lweetengo zangaphandle kwaye kulindeleke ukuba zande kwithuba lonyaka weentengiso.

Intengo zangaphandle zehlabathi zinyukile kumazwe alicela kuquka iAlgeria, iMorocco nePhilippines, ngelixa zinciphile malunga neBangladesh, iMexico, iVenezuela neEU. Okusetyenziswa lihabathhi kuncitshisiwe, aphi iilahleko ezinini zinikwa khona malunga neIndia. Impahla yasekugqibeleni yehlabathi ngo-2019 iqikelelw njenyelela nge 3,9% ngenxa yolungelelwaniso olwehlayo olwenziwe ngamazwe aseAsia kune namaqanaba athande ukuba phantsi empahla ebalwe eArgentina.

UMBONO NGOKWALAPHA

Xa kuthelekiswa nonyaka wentengiso wango-2017/2018, unyaka wango-2018/2019 ubungunyaka omhle malunga neesiriyeli zasebusika, kuba ububuyele kwisimo esiphucukileyo ukususela kwimbalela yonyaka wangaphambili. Selisondele ixesha lokulima isiriyeli yasebusika, ixesha lentengiso lango-2019/2020 lisinika ithemba lonyaka omhle kwiingqiqi ezilima isiriyeli yasebusika. Imozulu ibifanelekile kwiinyanga ezimbalwa ezidilulileyo aphi imvula ibingaphezu kweyesiqhelo kwiindawo ezinanzi kwingqiqi yeemvula zasebusika, ngelixa ezinye iindawo zinemvula eqhelekileyo okanye iimeko zembalela.

1 Intengiso nentengo yengqolowa ehlabathini.

| | 2017/2018 | 2018/2019 | |
|-------------------------|---------------------------------|----------------------------------|--------------------------------|
| | Uqikelelo (litoni ezizigidi) | 7 Februari (litoni ezizigidi) | 7 Matshi (litoni ezizigidi) |
| Imveliso | 759,4 | 728,4 | 728,3 |
| Intengiso | 1 014,0 | 1 005,7 | 1 003,6 |
| Ukusetyenziswa | 737,8 | 742,6 | 741,8 |
| Urhwebo | 176,9 | 171,8 | 171,0 |
| Impahla yasekugqibeleni | 275,3 | 266,9 | 264,7 |

Umthombo weenkukacha: yiAmis, 2019, Isiseko seenkukacha ngowama-29 Matshi 2019

2 Intengiso nentengo yengqolowa kweli lizwe.

| Intengiso nentengo | 2016/2017 | 2017/2018 | 2018/2019* (iingqikelelo) |
|----------------------------------------------|-----------|-----------|------------------------------|
| Imveliso (iiton) | 1 910 000 | 1 435 000 | 1 840 000 |
| Ukusetyenziswa okungumyinge ngonyaka (iiton) | 3 196 000 | 3 236 000 | 3 234 000 |
| Impahla yasekugqibeleni (iiton) | 341 000 | 725 000 | 724 000 |
| Intengo zangaphandle (iiton) | 935 000 | 2 175 000 | 1 520 000 |

Umthombo weenkukacha: yiGrain SA, 2019, Isiseko seenkukacha ngowama-29 Matshi 2019

Ikageng Maluleke, Ingcali yezoqosho kwinqanaba elisezantsi, eGrain SA. Thumela i-imayili apha ikageng@grainsa.co.za



1 Amaxabiso aseMzantsi Afrika nawaseUSA engqolowa esiwa eRandfontein.



Umthombo weenkukacha: yiGrain SA, 2019

Xa kujongwa emva, ukulinywa kwengqolowa ngexesha lentengiso lango-2017/2018 kutsale nzima (**Itheyibhile 1**) ngenxa yembalela ethwaxa inginqi yeNtshona Koloni, nangona kunjalo, sibona ukuphucuka kwaloo meko ngonyaka wentengiso wango-2018/2019 aphi imveliso inyuke phantse nge 30%, ukuze oko kuquke iindawo ebeziqala ukulima eFree State. Okusetyenziszwa kwemveliso okungumyinge okumalunga neeton iezigidi ezi-3 ngonyaka, uMzantsi Afrika ungumthengi wangaphandle wengqolowa nengoko uvelisa imveliso enganeno kakhulu kuleyo edingeka ekuyisebenziseni. Okuquelekileyo kukuba uMzantsi Afrika uthenge ngaphandle malunga neeton iezigidi ezi 1,5 zengqolowa ngonyaka ngamnye wentengiso. Nangona

kunjalo, ngonyaka wentengiso wango-2017/2018 iintengo kumazwe angaphandle zande malunga kangange 57% xa kuthelekiswa nexesa lokulima langaphambili.

Xa kucingelwa ixesha lokulima elitsha, njengoko uMzantsi Afrika usoloko ungumthengi kumazwe angaphandle sifanele ukuqwalasela imibandela enefuthe kumaxabiso alapha engqolowa. Okokuqala, **intengiso yengqolowa yehlabathi**, xa ithe chatha ingqolowa elinywa ehlabathini, amaxabiso aya kuba phantsi, kanti xa inganeno ingqolowa elinywa ehlabathini, amaxabiso aya kuphakama. Okwesibini, **iindleko zengqolowa** ukususela kwilizwe lentsusa, elihambelana **notshintshelwano Iwerandi nedola**, nelinefuthe kwiindleko zokuthenga ingqolowa kumazwe angaphandle (**ukulinganiswa kweentengo zangaphandle**); xa irandi ibuthathaka amaxabiso afumana inkxaso ngakumbi kanti xa irandi yomelele luya kunyuka uxinzelelo kumaxabiso.

ISIPHETHO

Intengiso yehlabathi ibonakala inemveliso eyaneleyo yengqolowa kanti isiphumo soko kukuba amaxabiso engqolowa ehlabathini asenokuhlala ephantsi koxinzelelo nakwelinye ixabiso lokulima. Ngokuqwalasela imibandela echaphazela amaxabiso engqolowa aseMzantsi Afrika, njengoko eli lingumthengi wengqolowa kwamanye amazwe lisenokuhlala phantsi koxinzelelo, kungakhathaliseki ukuba injani imeko yentengiso yalapha, irandi eqhuba ngokuba buthathaka ingaba yinzuzo kwintengiso.

IMFUNEKO YOKUKHUTHAZA ABASEBENZI BAKHO

KUTHETHA UKUTHINI UKUKHUTHAZEKA? INKUTHAZO INGABONWA NJENGENTO ESEMNTWINI EMQHUBA UKUBA ENZE OKUTHILE NGENDLELA ETHILE NAXA KUNGEKHO ZIMPEMBELELO ZIMQHUBAYO ZIVELA NGAPHANDLE. NGOKO KE INKUTHAZO INOKUNUXULUNYANISWA NOLANGAZELELO LOMNTU. KUQHELEKE UKUBA UMMTU OKHUTHAZEKILEYO ABE NGUMNTU ONAMANYATHETO ANIKA ITHEMBA NGAKUMBI KWINDAWO YEMPANGELO. UKUKHUTHAZEKA KUTHETHA UKUPHATHEKA KAKUHLE NOKUSETYENZISWA KAKUHLE.

Ingaba kuyimfuneko ukuba nabasebenzi abakhuthazekileyo? Okanye, zinto zini ezeluncedo ngokuba nabasebenzi abakhuthazekileyo? Umsebenzi okhuthazekileyo, ngamanye amazwi wenza umsebenzi wakhe okanye uthwala uxanduva lwakhe ngendlela efanelekileyo futhi ngexesha elifanelekileyo nelliindelekileyo ngaphandle kokusoloko ebek' esweni. Lo msebenzi uya kukhathalela naziphi izixhobo ezidingekayo aze azisebenzise ngenkathalo ezo zixhobo.

- Umgangatho wokusebenza = Isakhono (uyakwazi ukwenza umsebenzi x Inkuthazo (uza kuzimisela).
- Isakhono = Ingqiqo (uthakazelelo) x Uqequesho x Imithombo yoncedo (unezixhobo ezichanekileyo).
- Inkuthazo = Umnqweno (unomnqweno wokwenza umsebenzi) x Ukuzinikela (ukwenza umsebenzi ngokuchanekileyo nangexesha).

Malunga nomba wemali kuyimfuneko ukuba nabasebenzi abakhuthazekileyo. Mhlawumbi uyawukhumbula umgaqo wokubala othi; iNzudo/iLahleko = iNgeniso - iiNkcitho, esiyisebenzise rhoqo ukuza kuthi ga ngoku kumanqaku ethu. Ngenxa yokucudiswa ziindleko/ngamaxabiso asoloko enyuka, amashishini ethu okufama azibona emelene nawo, ulawulo olufanelekileyo lwengeniso nenkcitho lubaluleke nangakumbi. Abasebenzi abakhuthazekileyo baya kuncedisa ngokuthi babe nenkathalo kunye nenqubela ethe chatha emsebenzini wabo.

KHUTHAZA ABASEBENZI

Kweli xesha, ufanele ukuba sowuzibuza umbuzo othi – kodwa ndibakhuza njani abasebenzi bam?

Khawuzijongisisce njengomnini/njengomphathi. Ingaba ubonisa umoya onika ithembu malunga neshishini lakkho? Ingaba unguzekelo onjani xa usebenzisa imithombo yakho yoncedo, umzekelo, izixhobo? Uyabahlonipa abasebenzi bakho futhi ingaba ubaphatha kakuhle? Ingaba usebenzisa imigangatho ephezulu yokuziphatha xa uqhuba ishishini lakkho? Uyawunyamezela umgangatho wokusebenza ongaphucukanga? Ubonisa ukuba nekheth? Ingaba ukhe uboyikise abasebenzi bakho?

Ukunika inkuthazo yinxalenye yowlawulo kanti iqala iphinde iwe ezandleni zomphathi. Kuyakhawuleza futhi kulula ukutyhafisa abantu; kodwa ukubakhuthaza kuthatha ixesha nomzamo othe kratya kanti kwahluka ngokwabantu ngabanye. Okubalulekileyo ukuba ukukhumbule kukuba, ukwakha iqela elisebenza kunye elinenkuthazo kumalunga nokungatyhafisi kunokudala inkuthazo.

IMIBANDELA ETYHAFISAYO

Ngokubanzi imibandela etyhafisayo, ekwalathwa njengemibandela yempatho, ziingxaki ezimalunga nomvuzo kunye nezinye iimeko zengqesho, ulongamelo olubaxekileyo, ubudlelwane nomphathi, ubudlelwane

*Marius Greyling, Umbhalu kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili
apha mariusg@mcgacc.co.za*



nabanye abasebenzi, ubudlelwane nabakwinqanaba elisezantsi, imigaqonqubo yequmrhu, imithetho nemimiselo, iimeko zokusebenza zezinto eziphathekayo, iwonga, uzinzo emsebenzini, iinkuku zolawulo, izikhala zozlantu ngomsebenzi kunye nekhetha kwiimeko zoluleko.

Imibandela yenkuthazo okanye imibandela yokusetyenziswa ingaba kukuphawulwa kwempumezo, ukukhula okunokubakho kwizakhono na-kulwazi, ukunyuswa kwewonga, ukwanda koxanduva, imingeni kwindawo yempangelo, unxibelelwano olufanelekileyo nolunentlonelo kunye nomsebenzi ngokwawo.

Wonke umntu unqwenela ukuphathwa kakuhle nokusetyenziswa kakuhle. Ngoko ke, imibandela yempatho neyokusetyenziswa ibalulekile yomibini. Xa mhlawumbi kukho iqela lemibandela engahoywanga, nelinye iqela lemibandela alisayi kuba namandla ngokwaneleyo ngendlela eya kubangela ukwaneliseka okanye ukusebenza phucukileyo. Nokuba intlawulo iyancumisa, nendlu enikelweyo iyathandeka, kodwa ukuba umsebenzi unyanzelwa ukuba asebenze engaphumli, imeko ekruqula kakhulu, ukusebenza ngokuqobeka, imihla ngemihla, loo msebenzi akasayi kukhuthazeka. Okuchasene noko kukwayinanyiso. Ukuba nabani unikwa uqequesho olulunge kakhulu aze anikwe uxanduva olukhulu kodwa intlawulo yakhe igcinwe iphantsi futhi impatho ayifumanayo iqhuba ngokuba rhabaxa, loo mfundi akanakukhuthazeka ngokwaneleyo.

La maqela mabini emibandela aphinda ahluke ngokwezipumo zavo kumsebenzi. Isiphumo semibandela yonyango sithatha ixesha elifutshane. Umzekelo, cinga ngemivuzo. Umsebenzi waneliswa kukunyuselwa umvuzo kuperhela kwixesha elifutshane – kwinyanga enye okanye ezimbini – elona thuba lide, emva koko isiphumo kunye nenkuthazo ziyaphelelw. Kufana naxa ulambile. Uye uthi usitya okuthile, kodwa uphinde ulambe msinyane kwakhona. Isidingo semali ethe chatha ngokunjalo ukwenzela eminye imibandela yonyango asinakuze sanele ngokupheleleyo. Oku kubonisa inqanaba elisoloko linyuka lokulindelekileyo.

Imibandela yonyango efana nokunikelwa kwezindlu okuphuculwego, ukutya, uthutho, okanye imali, ayomelelanga ngokwaneleyo ngendlela enokwenza ukuba abantu basebenze ngokuzimisela okuthe chatha. Ezikwenzayo kukunyusa umgangatho wokusebenza kancinane kuperhela.

Nangona kunjalo, inkuthazo yethuba elide, ingafumaneka ngokusebenzisa loo mibandela eyenza ukuba umntu abe nomdla emsebenzini wakhe kuba enakho ukusebenzisa izakhono zobuchule, ulwazi lwakhe okanye iziphiwo zakhe. Kwakhona, kuba unakho ukueqeshwa futhi amalinge othakazelelo ayaphawulwa: Oku sikubiza ngokuba kukuphuculwa komgangatho wokusebenza.

ISIPHETHO

Zombini iiseti zemibandela – imibandela yonyango neyokusetyenziswa mayilungiswe ngexesha elinye. Ukuba imibandela yokusetyenziswa ayihoywa, abasebenzi baya kucela uchatha emva komnye uchatha wemibandela yonyango kanti oko kungandisa iindleko zeshishini. ■

Malube sentloko ULONDOLOZO LOOMATSHINI

OMNYE WEMIBANDELA EYIYONA I PHILAYO EMISE-BENZINI YETHU YOKUFAMA LULONDOLOZO LOOMATSHINI BETHU. KANINZI SIYALIBALA NGOLONDOLOZO OKANYE SILUBEKELE ECALENI NGOKWENZA EZINYE IZINTO ESIZIBONA ZIBA-LULEKILE KUNALO! NANGONA KUNJALO, ASINAKUKWAZI UKUNGAWUHOYI LO MSEBENZI XA SIKHUMBULA INDELA EZIPHEZULU NGAYO IINDLEKO ZOOMATSHINI, NGOKUNJALO NEENDLEKO ZOLONDOLOZO ZONYAKA ESIZITHWALA NGE-NJONGO YOKUGCINA OOMATSHINI BESEBENZA KAKUHLE.

Owona mgaqo ubalulekileyo malunga nolondolozo kukuba nesiqhelo esilungileyo nokukhuthala ekulandeleni ofanele ukukwenza!

Omatshini bethu nezihobo benzive ngeendawo ezininzi ezahlukileyo ezineentshukumo nezijika-jikayo. Zonke ezi ntshuku-ntshukumo nokujika-jika zibangela ukonakala ngoko ke kufuneka ulondolozo lwestiqhe-lo ukuze zigcineke zisebenza ngaphandle kwamagingxi-gingxi. Akukho nto ikhathaza njengokunyanzeleka ukuba ulinde esizikithini sexesha lokuxakeka ngokutyla okanye ngokuvuna ngenxa yokungazihoyi kwethu izinto esisebenza ngazo.

Okukholisa ukusithwalisa iindleko eziphezulu kunaxa besizilondoloze konke phambi kokuqalisa ngomsebenzi. Kwixesha elikhokelela kwixesha lokutyala sifanele ukunyaniseka ngokwenza isicwangcisel sethu samaxesha olondolozo. Qiniseka ukuba uchonga oomatshini bakho abaphambili abenza owona msebenzi unzima noxhomekeke kubo kakhulu.

Qinisekisa ukuba umatshini oxhomekeke kuwo uwulungisa ngocoselelo, mhlawumbi ingasisixhobo sakho sokutyla okanye esokuvuna nokubhula. Nokuba ngowuphi umatshini, qiniseka ukuba ukwisimo

*UGavin Mathews, Ingcali
kuLawulo lokusingqongileyo.
Thumela i-imeyili apha
gavmat@gmail.com*



esiggibeleyo sokusebenza phambi kokuqala kwexesha lokulima. Kumashini ngamnye chonga iindawo ezithile eziqobeka ngaphezu kwezinye ezifana neepuli zeebheringi namabanti. Wakuba unike ezo ndawo zibalulekileyo ukhathalelo oluthe chatha kuyafuneka ukuba wenze uqwalaselokugqibela phambi kokukhutshwa komatshini eshedini. Kulula kakhulu ukungayihoyi ingxaki encinane ngoko ke qiniseka ukuba uqwalasela ngocoselelo. Emva koqwalaselokugqibela ufanele ukuwususa kwindawo yakho osebenzela kuyo uwuse endaweni ekhuselekileyo aphi uxokomezelwa khona. Ukuba akukho ndawo igqumekileyo zama ukuwugquma umatshini ngetaraulin enkulu ukuze uwukhusele kwiimeko ezithile.

UKHATHALELO NENGOALELO

Xa sisebenzisa izixhobo zethu, kwakhona masitsho ukuthi asifanelanga kubaxhaphaza oomatshini bethu. Kufuneka sibanike ukhathalelo nengqalelo echanekileyo ngavo onke amaxesha. Umgao obalaseleyo nongowona uqheleklelo malunga noqwalaselokwemisebenzi kuhamba ngokwesiqhelo ‘saphambi kokusebenza’. Kukwabalulekile nokuthi uhlohle abasebenzi bakho ngesi siqhelo. Kwenze kube ngumthetho ukuba phambi kokuba nayiphi itrektara okanye isixhobo singene entsimini,

wena okanye abasebenzi bakho niqwalasela amafutha okubasela, ioyle namatayara eetrektrata okanye naziphi ezinye izixhobo ezisebenza njengoomatshini.

Emva kokuba oku kwensiwe, yiya nakwezinye izixhobo uqiniseke ukuba zonke iibheringi zigrisiwe, kuqwalaselwe ngokuqaphela naziphi ezinye iindawo ezineentshuku-ntshukumo. Qinisekisa ukuba amatsheyini aqinile kwaye ashukuma ngaphandle kwestihntelo. Oku kungaba sisiqhe-lo esisiseko semihla ngemihla esibethelewa kubasebenzi bakho. Ngaphandle kwamathanda-buzo ezi ngqwalaselozingakulondolozela ixesa lokunqumama okungafunekiyo, nokunokwenze-ka ngexesha elibi. Ngoko ke, musa ukusityhfela esi siqhelo, kodwa ququzelakungekonakali ulondoloze ixesa nemali kwinkqubo yexesha elide.

ULAWULO LWAPHAMBI KOMONAKALO

Ulondolozo iuhlala luqhuba kwaye kufuneka lube yinkqubo enganqunyanyiswayo yolawulo lwaphambi komonakalo. Asinakulukhuthalela ngalo lonke ixesa lokulima ukuze siluyeke lupuncuke kwakuba kuggityive ukutyla okanye ukuvuna! Phambi kokuqoqosha bonke oomatshini ukuze ubagcinele ixesa elizayo lokulima, hlamba yonke into ukuze ususe umhlaba, ukungcola, ioyle negrisi.



Akukho nto ikhathaza ngaphezu kokunyanzeleka ukuba ulinde esizikithini sexesha lokuxakeka ngokutyla okanye ngokuvuna ngenxa yokungazihoyi kwethu izinto esisebenza ngazo.

PULA IMVULA

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

46 Louw Wepener Street
1st Floor
Dan Pienaar
Bloemfontein
9301
■ 08600 47246 ■
■ Fax: 051 430 7574 ■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
■ 082 854 7171 ■ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS
Johan Smit ■ Ingrid Bailey ■ Marisa Fourie
■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso lwabaLimy

ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 051 924 1099 ■ Dimakatso Nyambose

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 013 755 4575 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mertz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 034 907 5040 ■ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ dunder@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8069 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ goshenfarming@gmail.com
■ e-Ofisini: 039 727 5749 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8057 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8038 ■ Lebo Mogatlanyane

Sinelizwi Fakade

Mthatha
■ 071 519 4192 ■ sinelizwifakade@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8077 ■ Cwayita Mpotyi

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the
views of the writers and not that of Grain SA.

Malube sentloko ulondolozo...



Qiniseka ukuba uwaqwelasela onke amatsheyini futhi uqiniseke ukuba agqumeke kakuhle ngeoyile ukuze angarusi kodwa ahlaziyeke ngexesa lokuphumla.

Coca zonke iindawo ezikrazulayo nezisikayo ngebrushi ekhaphukaphu uze uzioyile ukuzikhuela ekuruseni. Zonke iibheringi mazifumane ukugriswa kwaye uqiniseke ukuba azikho ezifuna ukukhutshwa ukuze kufakwe ezinye. Ukuba zikhona, zitshintshe ngoku. Uya kuba uzicuthele ngento enye ofanele ukuyenza xa kuqala ixesha lokulima elitsha. Musa ukuyeka imibhobho yamanzi ityileke emhlabeni. Zama ukuyigquma ngeengxowa zeeplastikhi uze uiyihakisengenjongo yokuyisusa endleleni.


Nayiphi imigqomo yembewu neyzichumiso okanye ifanele mazicoceke zihiyanje kakuhle. Qinisekisa ukuba uqwalasela onke amatsheyini ngokunjalo agqumeke kakuhle ngeoyile ukuze angarusi kodwa ahlaziyeke ngexesa lokuphumla. Zonke iitanki zeekhemikhali nemilomo yeztishizi mazihlanjwe ngamanzi acocekileyo phambi kokugcinwa kulondolozo. Nantoni na encinane ebi-kunika iingxaki ngalo lonke ixesha lokulima ifanele ukuhoywa ngokuqaphela phambi kokuba izixhobo zibekelwe ecaleni ngaphandle koko ixesha elitsha lokulima liya kuqaliswa ngeengxaki.

Iziganeko zokwaphuka nokubambezeleka zingabangela udandatheko ngokunjalo nemveliso ephantsi. Ku-

ngako kubalulekile ukuluthathela ingqalelo enzulu ulondolozo lwakho ukukhuthalele ukulandela isiqhelo esinqqongqo ukuze uqinisekise ukuba zonke izinto zisebenza kakuhle ngeepesenti ezilikhulu. Ngokuqinisekileyo, ukwaphuka kwezixhobo akunakude kuthinteleke kwaphela, kodwa ukuba ulawulo lwakho lolondolozo laphucukile, ziya kunqaba iingxaki ezinjalo ukuze kusetyenzwe ngaphandle kwamagingxi-gingxi. ■



Qwalasela naziphi iindawo ezivuza ioyile.



THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST